# Isifundo 12

**Juni 16-22*

# IBhabheli NeArmagedon



## SABATHA EMVA KWEMINI

**Fundela Isifundo Sale Veki:**
IsiTy. 14:8; 16:19; Isa. 52:9; IsiTy. 18:1-10; 16:12-16; 1 Kum. 18:1-40; 1 Kor. 15:1, 2.

**Indima Yenkumbulo:**
"Ebunzi kubhalwe igama elithi, IMFIHLELO, IBHABHELI ENKULU, UNINA WAMAHENYUKAZI NOWAMASIKIZI OMHLABA" (IsiTyhilelo 17:5).

Incwadi yesiTyhilelo, njengoko siphawule, iza izele yimifanekiso nolwimi oluphuma ngqo kwiTestamente eNdala. Umzekelo, igama iBhabheli livela kathandathu kwisiTyhilelo. Apho ke alithethi ngobukumkani bakudala bukaNebhukadenetsare, obadlula kwimbali yomhlaba kwiminyaka emininzi eyadlulayo. Kule meko, iBhabheli—igunya elikhulu lopolitiko nenkolo elacinezela abantu bakaThixo—ngoku ichaza amagunya amakhulu opolitiko nawenkolo aza kuzama ukwenza into enye ngamaxesha esiphelo. Into efanayo iyenzeka kwigama Armagedon, elifumaneka kuphela kwisityhilelo kodwa lakhelwe kwintetho yesiHebhere ebonakala ithetha "iNtaba yeMegido," ebhekisa kwindawo ekwaSirayeli wakudala. Ukucingela okukhulu okukhoyo kuninzi ngeArmagedon, abathi abantu abaninzi balindele idabi lomkhosi omkhulu ukuba libekho apho, eMegido, kufuphi nokuphela kwehlabathi.

Kule veki, siza kukhangela iBhabheli neArmagedon, sizame ukufunda ukuba iBhayibhile isixelela ntoni ngale mifanekiso.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJuni 23.*

# "Iwayini Yomsindo Wayo"

**Funda: IsiTyhilelo 14:8; 16:19; 17:5; 18:2, 10, 21, apho kuthethwe khona ngeBhabheli kwiindawo ezintandathu encwadini yesiTyhilelo. Ukhumbula ibali leBhabheli elivela kwiTestamente eNdala, zisifundisa ntoni ezi ndima ngeBhabheli njengoko ivela kumxholo weziganeko zemihla yokugqibela?**

Bekukhe kwathiwa, iBhayibhile ilibali elingezixeko ezibini, iYerusalem neBhabheli. Lo gama iYerusalem imele isixeko sikaThixo nabantu baKhe bomnqophiso kuyo yonke iBhayibhile (Nd. 102:21, Isa. 52:9, 65:19, IsiTy. 3:12), iBhabheli imele ingcinezelo, ubundlongondlongo, inkolo yobuxoki, novukelo oluphandle ngakuThixo. Cinga, umzekelo, ngenqaba yeBhabheli (Gen. 11:9). Igama lesiHebhere lika"Bhababheli" linye negama lobukumkani base"Bhabheli" ligama elinye lobukumkani base "Bhabheli." Ku-1 Petros 5:13, uPetros ithumela imibuliso evela kwibandla lase"Bhabheli," elikholisa ukwaziwa ngokuba lithetha, engaveli kumanxuwa obukumkani obudala obukwi-Iraq yanamhlanje, kodwa kwiRoma ngokwayo, eliza kuthi kungekudala libe ngumcinezeli webandla. Esi sisibheno esinika umdla ngokubhekiselele encwadini yesiTyhilelo nendawo yeRoma njengoko ibekiwe kuyo [incwadi okanye ileta].

**Funda: IsiTyhilelo 14:8 ne-18:3. Ezi ndima zityhila ntoni ngempembelelo embi yeBhabheli ehlabathini nasebantwini bakaThixo?**

Akukho kuthandabuza ukuba igunya elimelwe yiBhabheli, njengoko liboniswe encwadini yesiTyhilelo, likhohlakele kakhulu ngale mpembelelo yonakalisayo egqithele kuwo wonke umhlaba, ubukhulu becala. Intethwana "iwayini yomsindo wobuhenyu bayo" (IsiTy.14:8) ngokucacileyo kukubhekisa kwimfundiso yobuxoki, ekufundiseni ubuxoki, nezenzo zenkohlakalo kunye nesiphumo esivela kuzo. IBhabheli iligunya lobubi obuthe saa kuzo "zonke iintlanga" (IsiTy. 18:3). Kungoko, wonke umntu kufuneka alumke hleze onakaliswe naye.

**Khangela kuyo yonke indawo ehlabathini namhlanje: inkohlakalo, ingcinezelo. Kunokusifundisa ntoni oku ngokudinga kwethu ukumiliselwa kuYesu naseLizwini laKhe?**

# Iwile iBhabheli

Nokuba ibanzi kwaye ifikelela eziphelweni kangakanani impembelelo yeBhabheli emhlabeni, incwadi yesiTyhilelo ifundisa ukuba ngenye imini yonke iza kuphela.

**Funda: IsiTyhilelo 18:1-10. Zisixelela ntoni ezi ndima nge"Bhabheli enkulu"?**

Isigidimi sengelosi yesibini (IsiTy. 14:8) ngokuwa kweBhabheli siyaphindwa apha, kwisiTyhilelo 18:2. Ikukubonakalalisa nje indlela ekhohlakele ngayo le ndawo. "IBhabheli ixela ukuba phambi kokufika kweNkosi, uSathana uza kusebenza "ngayo imisebenzi yonke yamandla, nemiqondiso, nezimanga zobuxoki, nangako ukulukuhla konke kokungalungisi;" baze abo "bangamkelanga ukuyithanda inyaniso, ukuze basindiswe bayekwe ukuba bamkele "ulahlekiso olusebenza ngamandla ukuze bakholwe bubuxoki." 2 Tesalonika 2:9-11. Koda kube kufikelelwe kule meko, luze lufezekiswe umanyano phakathi kwebandla nehlabathi kubo bonke ubuKristu, ukuze ukuwa kweBhabheli kuphelele. Utshintsho lokuqhubekayo, nokuzaliseka okugqibeleleyo kwesiTyhilelo 14:8 kuse kokwexesha elizayo."—Ellen G. White, *The Great Controversy*, pp. 389, 390.

Nokuba oko "kuzaliseka kugqibeleleyo " kufikile ngoku, nguThixo owaziyo. Thina esikwaziyo kukuba, ngokwezi ndima, iBhabheli yasemoyeni ngenye imini iza kujongana nomgwebo kaThixo ngenxa yobubi bayo obukhulu. "Ngokuba izono zayo ziye zafikelela emazulwini, nezinto zayo zokungalungisi uzikhumbule uThixo" (IsiTy. 18:5). Le ntetho ibonakalalisa ulwimi oluvela kwiTestamente eNdala ngeBhabheli yakudala, nayo (bona uYer. 51:9), yaye iththa ukuba ixesha lomgwebo liqinisekile ukufika. Lo mgwebo uzayo, phofu, awumele kumangalisa. Ngapha kwako konke, iBhabheli yakudala yajongana nogwebo (bona uDaniyeli 5). IsiBhalo kwiindawo ezininzi sicace kakhulu kwinto ethi, ngenye imini wonke umntu kuza kufuneka aziphendulele ngezenzo zakhe, kuquka iBhabheli. Indlela ekuthuthuzela ngayo ukwazi ukuba singamaKristu, sinoMthetheleli kuloo mgwebo, oza kusimela (1 Yohane 2:1; Dan. 7:22). Kungenjalo, isiphelo sethu sisenokungabi ngcono kakhulu kuneso seBhabheli.

**Ungayifumana njani intuthuzelo kwisithembiso sokuba konke ukungabikho kobulungisa nobugwenxa obubonakala bungohlwaywa ngoku, ngenye imini buza kukhangelana nembuyekezo kaThixo?**

# IArmagedon

Nangona abantu abaninzi, kuquka namaKristu, bengazi kakhulu ngencwadi yesiTyhilelo, umfanekiso omnye okanye igama eliphuma kuyo lifike laqheleka: Armagedon (bona: IsiTy. 16:16). Nasehlabathini elingeyonkolo, eli gama lisuke lamela ukruthakruthwano lokugqibela apho isiphelo somhlaba sisuke sathandabuzeka. IHollywood yenza umboniso weArmagedon ongento enkulu kakhulu ejikeleza ilanga ekumila ngathi ingatshabalalisa umhlaba. Kakhulu, ingcinga yesiphelo somhlaba ikho nasezingqondweni zabantu behlabathi.

AmaKristu amaninzi aqheleneyo nencwadi yesiTyhilelo nakholelwayo kuyo abona idabi leArmagedon liyimfazwe ephathekayo yaseMpuma xa sele kuzakuphela umhlaba. Enye imbono yeyezigidi ezingama-200 amadoda omkhosi osuka eAsiya adudule konke ukuya kufika kumntla wakwaSirayeli. Abanye bamile kumadabi emikhosi nopolitiko kuloo ndawo yehlabathi eya kuthi, ngokwabo ukuqonda, ibe libala lokuwa kokugqibela kwidabi leArmagedon kumhlaba waseMegido. Noko kunjalo, iBhayibhile inika umfanekiso owahluke kakhulu. IsiBhalo siyibeka iArmagedon njengoncochoyi yokugqibela, kungekuko phakathi kwengxabano yezizwe, kodwa phakathi kwamacala amabini embambano yezwe lonke. Lidabi lenkolo, asililo elendyebo okanye elopolitiko, nokuba kuninzi okwendyebo nopolitiko okunokubakho phakathi.

**Funda: IsiTyhilelo 16:12-16. Kwezi ndima nje zizodwa, yintoni esinokuyifunda ngeArmagedon?**

---

Kuqala, qaphela indlela olufuzisela ngayo apha ulwimi. Imimoya yamasele ephuma emlonyeni wenamba, umlomo womprofeti wobuxoki, nomlomo werhamncwa (ukubhekisa kumagunya esiTyhilelo 13; "umprofeti wobuxoki" apha kufuneka kubhekise kwirhamncwa lasemhlabeni lesiTyhilelo 13:11). Imbambano enkulu iyabonakala apha, nayo, njengoko "imimoya yeedemon" (IsiTy. 16:14) iphuma ukuya kulwa "ngemini enkulu kaThixo uSomandla" (IsiTy. 16:14). Nokuba kungaluphi na uhlobo eya kubonakala ngayo iArmagedon, yimfazwe yezwe lonke phakathi kwemikhosi kaKristu nekaSathana. Asililo idabi elikummandla waseMegido kwanjengokuba ingeyiyo neBhabheli kwisiTyhilelo ethetha ngeziganeko ezikwikona ethile yeIraq yangoku.

**Funda: IsiTyhilelo 16:15. Inika umdla into yokuba phakathi kwezi ziganeko, uYesu asikhuthaze ngesigidimi sevangeli, ngako kokubini, isithembiso sokuza kwaKhe nokudingeka kokwambathiswa ngobulungisa baKhe. Kusinceda njani oku ukuba siyiqonde imeko yasemoyeni wedabi esikulo?**

---

# IArmagedon Nentaba YeKarmele: Isiqendu 1

Yintoni, phofu, le mfazwe yeArmagedon? Kuqala, igama libonakala lithetha "iNtaba yeMegido." Kanti ke, akukho ntaba kummandla owaziwa ngokuba yiMegido, kodwa iNtaba yeKarmele yayikwesi sithuba, baza abafundi zabona intethwana iNtaba yeMegido njengebhekisa kwiNtaba yeKarmele.

Ukongeza kule ngongoma, abafundi beBhayibhile babone ibali likaEliya nabaprofeti bakaBhahali entabeni yeKarmele njengomfuziselo, uhlobo loko kuza kutyhileka kwisiTyhilelo 13. Njengoko kuye kwabonwa izolo, IsiTyhilelo 16:13, nokubhekisa kwaso kwinamba, erhamncweni, nakumprofeti wobuxoki, kwalatha emva kwisiTyhilelo 13, unomgogwana wetriniti esiyibonileyo kwiveki yethoba.

Imiba ekwisiTyhilelo 13 iqala ukufikelela encotsheni kwiindima ye-13 neye-14, xa irhamncwa lesibini lisenza izenzo ezingaphaya kwendalo, lide "lihlise umlilo ezulwini, uze emhlabeni phambi kwabantu" (IsiTy. 13:13). Ezi ziganeko zikhokelela ekungqubaneni okutsolileyo phakathi kukaThixo noSathana, phakathi kwabo banqula uThixo wenyaniso nabo banqula "umfanekiselo werhamncwa" (IsiTy. 13:14).

**Funda: 1 Kumkani 18:1-18. Kwenzeka ntoni kweli bali ebonakalalisa eminye yemiba etyhilekayo kwiziganeko zokugqibela, njengoko zibonwa encwadini yesiTyhilelo?**

Ngeendlela ezininzi, oko sikubonayo apha kukuzotywa okucace gca kwembambano enkulu. UEliya uwuxela ngokucacileyo umcimbi kwindima ye-18: abantu bawushiyile umthetho kaThixo baza banqula balandela oothixo ababuxoki. Ayisoloko ingowona mba lo, nokuba zithini iimo ezingapheliyo neendlela ekuthi ngazo obu bubi bubonakalaliswe ngazo kuyo yonke imbali? Sikhonza mhlawumbi "Lowo wenza izulu nomhlaba, ulwandle nemithombo yamanzi" (IsiTy. 14:7), okanye sikhonza mntu wumbi okanye nto yimbi. Kwimeko yesiTyhilelo 13 neziganeko ezityhilekayo apho, endaweni yokunqula uYehova, abantu banqula irhamncwa nomfanekiselo walo. Akukho mhlaba ungundilele [uphakathi]. Sikwicala likaThixo okanye kwicala likaSathana. Ibaluleke ngolo hlobo ke imiba esesichengeni, ngoku nangokukodwa kwidabi leArmagedon, apho njengoko siza kubona kwibali elingeNtaba yeKarmele, umahluko ucaca khona.

# IArmagedon Nentaba YeKarmele: Isiqendu 2

**Funda: 1 Kumkani 18:18-40. Kwenzeka ntoni, liphela njani ibali, (kungatyhalelwanga kude kakhulu ukufana) libonakalalisa njani eli bali oko kuza kwenzeka—kodwa elubala—xa imbambano enkulu ifikelela ekupheleni ngexesha lokuphela?**

---

---

---

Idabi kwiNtaba iKarmele laliphakathi kukaEliya, umprofeti kaThixo, nababingeleli abangama-450 bakaBhahali. (Qaphela indlela ububi obakudlula ngayo okulungileyo.) Yayiluvavanyo lokubonisa ukuba ngubani uThixo wenyaniso, uThixo owadala amazulu nomhlaba, okanye uBhahali, esinye nje isibonakalaliso "[se]namba" nenye indlela efuna ngayo ukukhohlisa ihlabathi (IsiTy. 12:9). Ababingeleli bathandaza kuBhahali ukuba athumele umlilo ukuba utshise inkunzi yabo yombingelelo. Bakhwaza kususela ekuseni kwasa emini enkulu. "Nqulani ngezwi elikhulu" wadlala ngabo uEliya. "Mhlawumbi ulele" (1 Kumkani 18:27). Ababingeleli baxhentsa banempambano. Bazicenta ngamakrele lada lankcenkceza igazi. Bathi bediniwe bephelile bancama ngexesha lombingelelo wangokuhlwa. Umbingelelo kaEliya wenziwa manzi ngokuphindwe kathathu, amanzi abaleka ngemisele. UEliya wathandaza kuThixo umthandazo olula. UThixo watshisa kwangoko yonke into, kuquka nesibingelelo samatye nomhlaba ongaphantsi. Amandla kaThixo oyinyaniso xa ethelekiswa nakaBhahali ayengenako ukuphazanywa ngoku.

**Funda: IsiTyhilelo 16:13; 19:20, 21, uzithelekise ezi ndima nesiphelo sabaprofeti bobuxoki bakaBhahali. Sibona ntoni apha?**

---

---

Nokuba yintoni eseleyo ngeArmagedon, kodwa okwangoku, siyasazi isiphumo: intshabalalo yeentshaba zikaThixo nokugwetyelwa kukaThixo nabangcwele baKhe.

**Funda: 1 Korinte 15:1, 2. Nangona ngokwale ndawo kukuyo kwahlukene neArmagedon, ithini into ayithethayo uPawulos, kutheni kufanelekile nje kuthi ukuba siyikhumbule, ngakumbi ngokubona oko ikamva liza nako? Khangela nesiTyhilelo 16:15, apho loo ndawo, ngokuqinisekileyo, iyiArmagedon. Yintoni ezisixelela yona ezi ndima, xa zihlangene?**

**Ingcamango Eyongeziweyo:** "Kwiindawo eziliqela edabini lebali leArmagedom, imifanekiso eyoyikeka kakhulu neziganeko ezibi zibuya umva okomzuzu kuthi tshe nje ukuvela kwenyaniso yomntu. Njengoko sibonile, enye yazo sisiTyhilelo 16:15: 'Yabona, ndiza njengesela. Unoyolo lowo uphaphileyo, uzigcinayo iingubo zakhe, ukuze angahambi ze, balibone ihlazo lakhe.' Le ndima, ekho kanye esazulwini sendawo ekuphela kwayo eBhayibhileni ekhankanya iArmagedon, ivakalisa iindawo ezininzi kwiTestamente eNtsha ezingokulungiselela ukubuya kukaYesu neziganeko zesiphelo. "Enye indima enjalo sisiTyhilelo 17:14: 'Aba baya kulwa neMvana, kodwa iMvana iya kuboyisa, kuba iyiNkosi yeenkosi noKumkani wookumkani—baye abo bakunye nayo bengababiziweyo, banyulwa, bathembeka' (inguqulelo yombhali). Apha, imfazwe enkulu ekupheleni ibandakanya umkhosi wabantu abanjongo yabo iphambili ingekuko ukutshabalalisa abanye ngezixhobo, kodwa ngokuthembeka kubizo lwabo nokunyulwa kwabo okungcwele. Olu luhlobo olwahluke ngokupheleleyo lwedabi kulawo wezizwe nokuhlasela okuliwayo namhlanje. Njengoko ndiphindaphindile ukutsho, idabi leArmagedon kukulwela ingqondo. Ikwalidabi lokulwela intliziyo—ubizo lokunyaniseka okuphuma entliziyweni kwiMvana eyahlatywayo (IsiTy. 5:9, 10, 12; 13:8)."—Jon Paulien, *Armageddon at the Door* (Hagerstown, Md.: Autumn House Publishing, a division of Review and Herald Publishing Association, 2008), p. 193.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

**1. Ungamnceda njani umntu okholelwa ukuba iziganeko ezininzi eziboniswe encwadini yesiTyhilelo ziya kwenzeka ngokuphandle kwiindawo ezikhankanyiweyo? Zeziphi iindlela onokuvela ngazo ezinokunceda ukuba babone ukungalungi kwendlela yokuchaza ezi ndima?**

**2. Njengoko sibonile, iimpembelelo zeBhabheli zinabela kuwo wonke umhlaba. Zeziphi ezinye zeemfundiso zeBhabheli, kwaye singakufunda njani ukubona ukuba ezo mfundiso ziyintoni nokuba zingaphetshwa njani?**

**3. Okuphuma kuEllen G. White kwindawo yangoMvulo kuthi, "Koda kube . . . kufezekiswe umanyano phakathi kwebandla nehlabathi kubo bonke ubukumkani bobuKristu, ukuze ukuwa kweBhabheli kuphelele." Cingani ngale ntethwana ethi "umanyano phakathi kwebandla nehlabathi." Sisilumkiso esinamandla esithini esi kuthi?**